

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo


- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*





*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

UKhanyi noMandu babedlala ngeebhayisekile zabo bezikhwelela ngasemlanjeni. UKhanyi wayeyibalekisa eyakhe. Wathi xa eqengqeleka egopheni wayibalekisa ngamandla. UMandu wamkhwaza wathi, "Thoba isantya Khanyi! Sukubalekisa! Thoba isantya ubalekisa kakhulu!"



Ngesiquphe uKhanyi wanyathela ilitye elibukhali. Wathi akujonga phantsi wabona ivili lakhe liphelelwa ngumoya. "Yhoo!" wakhala watsho. Ivili lam ligqabhukile!"

"Ungakhathazeki Khanyi," waphendula ngelitshoyo uMandu. "Ndiza kukuncedisa sililungise."

Kodwa uMandu noKhanyi babelibele ukuphatha isingxobo sezixhobo zokulungisa okanye impompo.




Owu ilishwa lam!
Ndigqajukelwe livili!
Ndiza kukuncedisa sililungise.

UMandu wathi, "Ndiza kukhawuleza ndiye ekhaya ndiyolanda impompo."

Wahamba uMandu wabuyela kowabo emshiya nenja yakhe uKhanyi.

Andisoze ndihambe ngaphandle kwesingxobo sam sezixhobo zokulungisa kwakhona." Wambombozela watsho uKhanyi.



UKhanyi walinda, walinda walinda. Walinda ixesha elide waza waziva elambile kwaye enxaniwe.

"Kungekudala kuza kuba mnyama," wacinga.




Azi ukuba akazi kubuya sekuhlwile na uMandu?

UKhanyi wambona uMandu esiza nomnakwabo uDumisani.

Wavuya kakhulu uKhanyi akubabona.

"Andisavuyi ngako ubuyile, besendinexhala," wakhwaza uKhanyi watsho ebaleka ukuya kukhawulela uMandu noDumisani.



UDumisani wawanceda
la mantombazana
ngokuwampompela ivili.

Wathi akugqiba,
"Masigoduke kungekahlwi."



Aba bantwana bakhwela iibhayisekile zabo bagoduka bekhanyiselwe yinyanga.

Yaba luhambo olude olo. Endleleni babemamele ukuxokozela kwamaxoxo nokuhuhuza kwezikhova. Babesiva ukutswina kweenyenzane nokutswitswiza kweempuku.



Bawela ibhulorho.

"Jonga ukuba ntle kwalaa nyanga!" watsho uMandu. Inyanga ephelelelyo yayikhanyise endleleni kwangathi kusemini.

"Masikhawuleze sizofika msinya ekhaya," watsho uKhanyi. "Umama uza kuba nexhala xa engandiboni."

"Sekuza kubetha intsimbi yesibhozo," waphawula uDumisani. Siza kufika ekhaya kwisithuba semizuzu engamashumi amathathu."



"Sade safika ekhaya!" watsho ngemincili uKhanyi waze wamanga umhlobo wakhe uMandu. "Ndiyabulela Mandu," watsho. "Ungumhlobo wenene!"

"Benza njalo kaloku abahlobo," waphendula watsho uMandu.

Abahlobo bokwenene bayancedana!



# Ukhuseleko ezindleleni

- Jonga macala omabini xa uwelayo.
- Nqumla kuphela kwindawo elungiselelwe abahamba ngeenyawo.
- Yima xa irobhothi ibomvu.
- Jonga macala omabini xa ukhwele ibhayisekile.
- Thobela imithetho yendlela.
- Nxiba ihelmethi ngalo lonke ixesha xa ukhwele ibhayisekile.
- Phatha isingxobo sezixhobo zokulungisa ibhayisekile ngalo lonke ixesha.

# Ukhuseleko kwiibhayisekile

- Nxiba ihelmethi ngalo lonke ixesha.
- Yiba nomhlobo ngalo lonke ixesha ukhwela ibhayisekile.
- Nxiba iimpahla ezinemibala eqaqambileyo.
- Qinisekisa ukuba amavili ampontshiwe.
- Phatha ingxowa yezixhobo zokulungisa kunye nempompo.
- Ibhayisekile yakho yifakele izikhazimlisi.
- Yitshixe ibhayisekile yakho xa uyishiya phandle.



# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Jonga le mifanekiso ingasezantsi uze uxelele umhlobo wakho:

- ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye.
- ukuba ngowuphi umfanekiso ofanele ukuba ngowokuqala, owesibini nowesithathu.
- ukuba yeyiphi inkcazelo efanele owuphi umfanekiso.

| | | |
|---|---|---|
| UDumisani wabanceda. | UKhanyi ubulela uMandu. | UKhanyi unyathela ilitye. |



Sebenzisa le mifanekiso ikuncede ubalisele umhlobo wakho ukuba kwenzeke ntoni:

- ekuqaleni kwebali.
- embindini webali.
- ekupheleni kwebali.



2 Yenzani umdlalo nilinganise ibali.



3 Fundela umhlobo wakho ezi zivakalisi zilandelayo. Wakugqiba zidwelise ngokulandelelana kwazo ubalise ibali kwakhona.

a. UKhanyi wanyathela ilitye waza wagqajukelwa livili.
b. UDumisani wanceda amantombazana walungisa ivili.
c. UKhanyi noMandu babekhwela iibhayisekile zabo.
d. UKhanyi wababulela uMandu noDumisani ngoncedo lwabo.
e. UMandu waya kulanda impompo.



4 Khuphela le theyibhile ingasezantsi. Bhala amagama asebalini okanye angawakho anezi zandi: **gq**, **tsw**, **xh**, **bh**

| gq | tsw | xh | bh |
|---|---|---|---|
| _____ | _____ | _____ | _____ |
| _____ | _____ | _____ | _____ |

Khetha isandi esichanekileyo ukuze ugqibezele la magama.

| | | |
|---|---|---|
| ili_____e | _____ompa | i_____epho |
| _____ela | isi_____a | _____aza |

khw

mp

ty



5 Jonga kwiphepha le-14 uze ubhale izandi ezenziwa zezi zilwanyana.





6 Xelela umhlobo wakho iimpendulo zale mibuzo.

a. Sithini isihloko seli bali?
b. Ngoobani abalinganiswa abakweli bali?
c. Kwakutheni ukuze uMandu agoduke yedwa amshiye uKhanyi?
d. Ucinga ukuba yayibubulumko ukuba uKhanyi amlinde uMandu? Nika isizathu sempendulo yakho.
e. Ukuba ubunguKhanyi ubuya kwenza ntoni wena?



7 Yenza ngathi unguKhanyi. Bhala ikhadi lombulelo eliya kuDumisani noMandu kuba bekuncedile.

# Inqanaba: 2 Incwadi 2

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Incwadi yam yokuqala |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-2 Inqanaba 2 Incwadi 2 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | wakhwaza, landa, mbombozela, ixhala, ukukhawulela, ngesiquphe |
| Isigama: | iibhayisekile, ivili, ilishwa, ligqabhukile, isingxobo sezixhobo zokulungisa, ukukhanya kwenyanga, qengqeleka, ukuxokozela, ukuhuhuza, ukutswina, isantya, ukutswitswiza, imincili |
| Izandi: | gq, tsw, kh, nty, ngq, shw, bh, xh, ngx |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Chaza imifanekiso.<br>▪ Dwelisa imifanekiso ngokulandelelana kwayo.<br>▪ Tshatisa izihloko nemifanekiso.<br>▪ Balisa ibali kwakhona usebenzise imifanekiso.<br>▪ Yenzani umdlalo nilinganise ibali.<br>▪ Beka izivakalisi ngokokulandelelana ukuze ubalise ibali kwakhona.<br>▪ Khangela amagama anezi zandi ebalini: tsw, gq, ngx, mb.<br>▪ Gqibezela amagama ngokufakela izandi: gq, tsw, xh, bh.<br>▪ Bhala izandi ezenziwa zizilwanyana ezisebalini.<br>▪ Funda imibuzo esekelwe ebalini uze uyiphendule.<br>▪ Yenza ikhadi lombulelo. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga lesi-2 zoLwimi Lweenkobe:


**Inqanaba: 1**

- USisi unomhlobo omtsha
- Kunzima ukuba yinja
- Mhla iqwarhashe lanemigca
- UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda

**Inqanaba: 2**

- UBubu ulahlekile
- Benza njalo abahlobo
- Intshontsho ledada elibi

**Inqanaba: 3**

- Ibhayisekile entsha kaBheki
- Izilwanyana ziya elwandle
- Tshotsh' ubekho Mnenga



ISBN 978-1-4315-2614-7

9 781431 526147

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2614-7


**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**


basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa



© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.